Abantwana bakwaFaku babenqwenela ukuya kundwendwela umzi wogcino-zilwanyana eMonti, apho uTata wabo wayesebenza khona.

UZoli, uThemba, uTseli, kunye nodade wabo omncinane uNobusi, babehlala nabazali babo kuronta omkhulu kwilali yaseKwelera.





UTata wabo wayesala xa bemcela ukuba ahambe nabo ukuya kumzi wogcino-zilwanyana.

Wawunokumva esithi, “Mhlawumbi ngomso.” Wayesebenza mihla le, engenalo ixesha lokubasa njengoko benqwena. Enye into, ukundwendwela umzi wogcinozilwanyana kwakubiza.

Bobane babezithanda izilwanyana. Kaloku uTata wabo wayedla ngokubabalisela ngazo zonke izilwanyana ezazilapho.

UTata wabo wayesebenza kwicala leentaka, kungoko ke babezazi iintlobo ngeentlobo zeentaka ukogqitha oontanga babo. Wayede athi uyakwazi ukuthetha ulwimi lwazo. Ntoleyo yayisenza bafune ngakumbi ukundwendwela lomzi.

"NgoMgqibelo yiholide, ningathanda ukundwendwela umzi wezilwanyana?" wabuza uTata ngenye intsasa.  Zange bakukholelelwe abakuvayo.

"Ngenene?" Athetha ngaxesha linye amawele. "Ndiza kuthetha neentaka? Ndizakuk..." wabuza ngemincili uNobusi.

"Ngokuqinisekileyo," wancuma uTata wabo. Kaloku uNobusi akuqala ukuthetha, wawungasokuze umthulise.

Yayingathi ayipheli iveki kubo yimincili ababenayo.



Ngaloo ntsasa yangoMgqibelo, abantwana babesele begqibe nokuhlamba.  Babesele bepakishile belindele uhambo wabe uMama noTata besavuka. UMama wancuma akubabona belungile.

Bathi besangena kumzi wogcino zilwanyana, bathabatheka bubukhulu bendawo. Emva nje kwexeshana behambahamba umyezo. Babengayivali imilomo zintlobontlobo zezilwanyana ezazilapho.





Akukho ndawo angazange ababonise yona uTata wabo. Eneneni wayenolwazi olunzulu ngazo zonke izilwanyana ezazilapho. Wayebavumela xa becela ukuzibamba kuba esazi azinabungozi.

UNobusi wayengxamele ukubona iintaka. Wayefuna ukuva xa uTata wakhe ethetha nazo.



Bathi besangena beva intsholo emnandi yeentaka.

“Zonke ziyathetha Tata? Uziva njani wena?” wabuza uNobusi.  UTata wathatha intaka eyayimibala-bala wayinika uNobusi.

“Molo ntakana,” wabulisa uNobusi. “Molo ntakana, molo ntakana.” Yaphendula yatsho intaka.

UNobusi wothuka akuva le intaka ithetha watsho wayiphulula.

“Zonke iintaka zineelwimi zazo kwaye ziyavana xa zithetha nokuba thina asiziva. Loo nto ke ayithethi ukuba asinakuthetha nazo xa sifuna,”  waqhuba ecacisa uTata.

Ukufika kwabo ekhaya besavula umnyango, bengekangeni nasendlini, wayesele egempeza uNobusi.

“Mama! Mama! Ndicela undithengele intaka. Ndiyakwazi ukuthetha nazo kaloku. Eyam intaka iza kulala nam, itye nam. Ndiza kuyifundisa ukufunda namanye amagama amatsha.”

Babesazi ukuba uNobusi soze ayeke ukuthetha.  UZoli wathi, “mna Mama ndicela undithengele intlanzi.”

“Uza kuyenza ntoni intlanzi Zoli?” wabuza uMama.

“Kaloku...kaloku...ndiza...ndiza... ndifuna ukuyifuya ukuze xa inkulu ndiye kudada nayo elwandle.”

UZoli wayengoyena mphuphi weli khaya. Wayezibona enomhlobokazi oyintlanzi. Wayezibona edada nayo emanzini elwandle.

Amawele uThemba noTseli basondela kuMama. “Thina sifuna imivundla, owam ube nombala omnyama okaThemba wona ube nombala omhlophe,” watsho uTseli ethethela uThemba njengesiqhelo.

“Imivundla? Niza kuyenza ntoni imivundla?” wabuza uMama ejonge kuThemba. Wabe esazi ukuba uTseli uza kuba nayo impendulo.

“Umvundla unoboya obufukufuku,” watsho UTseli.

“Siza kulala nayo isenze shushu ebusika,” wongeza watsho uThemba ekhumbula ngelixa beyiphulula kumzi wogcino zilwanyana.

“Mama, uza kundithengela intaka torho?” wacenga uNobusi akubona ukuba kuthe cwaka.

“Ndiyazithanda iintaka, ingakumbi ezo zinemibala emihle negqamileyo. Ziyathanda ukuthetha kaloku zona.”

“Njengawe?” Watsho uThemba suke bonke bahleka.

UMama wayengayazi ukuba uza kuyifezekisa njani iminqweno yabantwana bakhe. Bonke bejonge kuye belindele elowo eyakhe impendulo.

“Mhlawumbi ngomso,” waziva esitsho elinganisa uTata wabo xa naye esala.

UTata wabona ukuba bakuthandile ukundwendwela umzi wogcino-zilwanyana.

“Ngeholide elandelayo singandwendwela sonke kwakhona,” watsho uTata.

“EWE!” Bakhwaza bonke bemxholo mnye.

“Ndicinga ukuba indlu yethu incinci kakhulu, ngoko ke, asikwazi ukugcina izilwanyana. Kutheni singaceli uTata ukuba aboleke incwadi engesilwayana ngasinye kwithala leencwadi?” wabuza uMama.

“Enyanisweni ingaba licebo elihle elo!” watsho uTata wabo.

“Nam ndicinga njalo Tata,” wavumela phezulu uNobusi, uZoli, uThemba noTsili.



“Kodwa ke Mama iza kuba nini eyakho iholide kuba sifuna....”

Akazange aligqibe nokuligqiba elo uNobusi, suke gquzu indlu yonke. Babesazi uNobusi ufuna ukutyelela umzi wogcino nokhuliso lweentyatyambo.

“Yaqala ke inkathazo!” Watsho uMama noTata ngaxesha linye.

# Ulwazi Lwethu Readers

## Inqanaba 1

1. Izandi ezizizikhamiso
2. Izandi ezingamaqabane (b-j)
3. Izandi ezingamaqabane (k-r)
4. Izandi ezingamaqabane (s-z)
5. Vula, vala, vakala
6. Ukubala amagubu
7. Imbalela
8. Uziva njani uZazi?
9. UNunu noBobi
10. Idonki
11. Ipesika enkulu
12. UVuxa uthanda ucoceko
13. Isuphu emnandi
14. Amawele aluncedo
15. Qaphela Cokisa
16. USazi ufuna ukupeyinta
17. Ibululu esibayeni
18. UVela noVutivi
19. Iyakwazi ukubhabha

## Inqanaba 2

1. Umlilo
2. UKhabo nesigcawu
3. Ubuya nini uTata?
4. Mini emnandi Zazi
5. Amantombazana alusayo
6. Masonge amanzi
7. Iinwele ezinkulu
8. Basefama
9. Isifo seehagu
10. Usapho lwam
11. UKhosi uxakekile
12. Lina libalele
13. Ukonga uTatomkhulu
14. Ubomi bam basefama
15. Konke ngeetapile
16. Imvumi yodumo uMirriam Makeba
17. UNtombi ubhaqa isela
18. IShibhelani kaKulani

## Inqanaba 3

1. Soweto
2. Isipho esothusayo
3. Andiyithandi imifuno
4. UKhazi nombala obomvu
5. Izipho
6. Umjikelo wobomi besele
7. Uthando lwamawele
8. Umnyama kaNyansio
9. UPhumu owonwabileyo
10. Umnqweno kaLunje ufezekile
11. UMoli neekhrikethi
12. Uleqa phi Wenzile?
13. Amaqanda kaZodwa adukileyo
14. Isidudu esimnandi
15. Iinyosi
16. Ingwenya enentiyo
17. Amaxesha onyaka
18. Zinkulu kum
19. Isonka sikaNomsa
20. UMbali noBuhle

## Inqanaba 4

1. Impindezelo yenkunzi
2. Icebo elihle likaNtiyiso
3. Ibhola elahlekileyo
4. Batyelela umzi wogcino zilwanyana
5. Idyasi eguquliweyo
6. Ubuchule bukaNcinci
7. Badlala kuyo nayiphi imozulu
8. Imisebenzi yasekhaya
9. Ilokhwe entle
10. Umlimi uNtsika neenkawu
11. Amanzi ndawo yonke
12. Ubugqi bembewu
13. UPhila wonzakele
14. Isityalo esiphilisayo
15. Iindlela zabantu baseVenda
16. UQhawe uyalazi ixesha
17. Ugqirha uSooliman olungileyo
18. Amakhwenkwe akrelekrele
19. Iindlela zothutho
20. UGcina uzigcina esempilweni

## Inqanaba 5

1. Isiqalo esitsha
2. Inguqu kaNondwe
3. Intombazana ekrelekrele
4. Umsesane weXhalanga
5. Umdlali obalaseleyo
6. UThobile nezihlangu ezintsha
7. Imilambo yaseMzantsi Afrika
8. Imithi yaseMzantsi Afrika
9. Uphelelwe ngamanzi emzimbeni
10. Singcamla incasa yaseVenda
11. UTata wethu, umgcini wezilwanyana
12. Umkhuhlane
13. UNomadlakadlaka oligorha
14. Ingxaki egadini kaMakhulu
15. UStovi noStali
16. Iphupha likaSiviwe
17. Isihlangu esihle
18. UThwasa uphuthelwe
19. Ukulima
20. Ubuhlobo bokwenene
21. Umlobi

Ulwazi Lwethu yinkqubo esekwe ngenkxasomali yiZenex Foundation ukuvelisa uluhlu lweencwadi zokufunda nezinye izixhobo zokufundisa. Le nkqubo ijolise ekufundiseni nasekuxhaseni ukuphuhla kwesakhono sokufunda nokuqonda ulwimi lwasekhaya kubafundi abakumabanga aphantsi. Ezi ncwadi zihleliweyo zisungulwe ngeelwimi ezilithoba zaseMzantsi Afrika ngentsebenziswano phakathi kwamaqumrhu iMolteno Institute for Language and Literacies, iNelson Mandela Institute for Education and Rural Development, iRoom to Read South Africa neSouth African Institute for Distance Education. Zonke ezi zixhobo ziveliswe njengesibonelelo semfundo evulelekileyo nefumaneka simahla, iOpen Education Resources (OER) ngelasemzini.

Nceda undwendwele iwebhusayithi yethu ukuze ufumane ushicilelo olupheleleyo lwale ncwadi:: ***ulwazilwethu.org.za***

Creative Commons Attribution-NonCommercial-NoDerivatives (CC BY-NC-ND) 4.0 International Licence

Disclaimer: You are free to download and share this work as long as you attribute Zenex Foundation, but you may not change this work in any way or use it commercially.

ISBN: 978-1-77981-547-7